Isalathiso: 20200821-7600
Inombolo yefayili: 3/3/1/4
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISetyhula: 0027/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: Kubo bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente beSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*)

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yenzelwe ukwazisa bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente beSebe i-WCED ngokungahlawulwa kweebhonasi zomjikelo wentsebenzo wango-2019/2020.*

Isihloko: ISistim yoLawulo noPhuhliso lweNtsebenzo yaBasebenzi: Isiphumo somjikelo wohlolo lwentsebenzo wango-2019/2020

1. Njengelizwe, sijongene nelona xesha lobunzima obukhulu kakhulu ukuza kuthi ga ngoku, nelibeka ubunzima boxinzelelo olukhulu kwimali karhulumente noxinzelelo olugqithileyo kwibhajethi kaRhulumente weNtshona Koloni. Ifuthe lezoqoqosho kubahlali bethu libangele ukuba abemi bethu abaninzi babe baphulukene nemisebenzi yabo, bafumane imivuzo encitshisiweyo okanye abanye kubo abanako nkqu nokuthenga ukutya nezibonelelo ezisisiseko.

2. Ngenxa yoku iKhabhinethi yePhondo ithathe isigqibo sokuba iibhonasi zomjikelo wentsebenzo wango-2019/20 aziyi kuhlawulwa kubaqeshwa abakuRhulumente weNtshona Koloni.

3. Kukho amagosa amaninzi anikele ngeenkonzo ezincomekayo nezanelisayo ngethuba lonyaka-mali ka-2019/20. Kukho ithemba lokuba la magosa awayi kukhathazeka sesi sigqibo, kodwa aya kubanako ukuyiqonda imeko yoxinzelelo lwezemali aphantsi kwayo urhulumente nobunzima obungqonge iimeko zezentlalo phakathi koluntu.

4. Uchatha kwimivuzo (p*ay progression*) uya kwenziwa kumjikelo wentsebenzo wango-2019/20 ukwenzela onke amagosa afanelekileyo kamsinya kwakugqitywa zonke iinkqubo zokumodareyithwa nokuvunywa kweengcebiso malunga noku. Kulindeleke ukuba le nkqubo iya kugqitywa phakathi kuNovemba 2020.

5. Kuya kuthakazelelwa ukuba amagosa aya kuqhubeka ngokuqinisekisa ukwenziwa kweenkonzo zabenzelwa iinkonzo kumanqanaba amkelekileyo ngokuzimiseleyo njengoko kubonakalisiwe kwizivumelwano zentsebenzo zethu ezohlukahlukeneyo.

6. Kuyathakazelelwa kakhulu ukuwuqonda kwenu lo mba nenkxaso yenu ngokunjalo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-09-15